



Edition 24  
isiXhosa, English

It starts with a story...

## Never too early, never too late!

**Do you ever wonder how old children should be when you start reading to them? Maybe you think you should wait until they are being taught how to read in Grade 1 before you start. But would you wait until a baby understands what you are saying before you talk to him or her? No, because that would make learning to talk difficult! Well then, you shouldn't wait for a child to be taught to read before you read regularly to him or her.**

When babies don't yet understand many words, sharing books with pictures, rhymes and stories helps teach them vocabulary and language – and it gets their brains thinking! It's also a wonderful way to relax and bond with your baby.

As babies grow, the more you read aloud and talk to them, the more words they hear, and very soon you'll hear them using the words themselves! They will also find out how the print has meaning and how we tell stories. But most importantly, when parents and caregivers read often to very young children, these youngsters grow up seeing reading as fun and worthwhile. So, they are more likely to choose to read in their free time when they are older. This is important because the more children read, the better they become at reading ... and the more pleasure they get from it and so, they are more likely to read!

But is it too late to start to read to children when they are at preschool or school? And how old should they be when you stop? Well, just like it is never too early to start, it is also never too late to start reading to children – even if they can already read. You can share books together that are too complicated for them to tackle on their own.

Taking time out from a busy day to read to your children is an investment in their future no matter what their age. These pleasurable times not only show your children that you enjoy their company and care about them, but they build lifelong memories too!

## Awukashiywa lixesha, lingasokuze likushiye nanini na!

**Ukhe uzibuze udidekile ukuba kufuneka abantwana babe neminyaka emingaphi phambi kokuba uqalise ukubafundela? Mhlawumbi ucinga ukuba kufuneka ulinde bade bafundiswe ukufunda kwiBanga loku-1 phambi kokuba uqalise. Kodwa ke, ubuza kulinda lude usana luqonde ukuba uthini na phambi kokuba uthethe nalo? Hayi, kuba oko bekuya kwenza ukufunda ukuthetha kube nzima! Ngoko ke, akufuneki ulinde ukuba umntwana ade afundiswe ukufunda phambi kokuba umfundele rhoqo.**

Xa iintsana zingekawaqondi amagama amaninzi, ukwabelana ngeencwadi ezinemifanekiso, izingqisho, izicengcelezo kunye namabali kunceda ukuzifundisa isigama kunye nolwimi – kwaye oko kulola nengqondo yazo! Kananjalo le isekwayindlela emangalisayo yokuziphumlela nokwakha ubudlelwane obuluqilima nosana lwakho.

Njengokuba iintsana zikhula, xa uzifundela ngaphandle ngokuvakalayo uthetha nazo, ziva amagama amaninzi kwaye kungekudala uza kuziva ziwasebenzisa loo magama nazo! Ziza kufumanisa nokuba okubhaliweyo kunentsingiselo njani na kwaye abaliswa njani na amabali. Kodwa

okubaluleke ngaphezulu kwako konke, xa abazali nabakhathalela okanye abampelesa abantwana bebefundela rhoqo abantwana abancinane kakhulu, aba bantwana bancinane bakhula besazi ukuba ukufunda lulonwabo kwaye kululutho. Ngoko ke, bangakhetha ukufunda ngexesha abangenzi nto ngalo xa bebadala. Oku kubalulekile kuba okuya abantwana befunda nangakumbi, kokuya kusiba ngcono ukufunda kwabo ... kwaye okuya befumana ulonwabo ekufundeni kokuya beza kuthanda ukufunda nangakumbi!

Kodwa, ingaba kushiye lixesha kusini na ukuqala ukufundela abantwana xa bekwinkulisa / ekrisi okanye esikolweni? Kwaye, ingaba kufuneka babe badala kangakanani ukuze uyeke ukubafundela? Nanjengoko ke ungekashiywa lixesha ngoku, alisokuze likushiye nanini na ukuba uqalise ukufundela abantwana – nditsho sebekwazi ukuzifundela. Ningabelana ngeencwadi ezintsokothileyo nekungekho lula ukuziqonda kubo xa bezifundele bebedwa.

Ukubekela bucala ixesha kwimini yakho exakekileyo ukuze ufundele abantwana bakho sisichumiso kwikamva labo nokuba bangakanani na ngeminyaka. La maxesha olonwabo awabonisi nje kuphela ukuba uyakonwabela ukuchitha ixesha uhleli nabo kwaye ubakhathalele kodwa asekwaseka ithuba elihle lokwakha iinkumbulo zobomi bonke!



Mme wa Afrika

Dintle

Noodle



Drive your  
imagination

Read to me.  
Never too early. Never too late.  
Ndifundele. Awukashiywa lixesha,  
lingasokuze likushiye nanini na.





# Story stars

## Growing a lifelong relationship with books

Every Wednesday during term time, the Nyangana (Little Moon) bilingual reading club – part of the Na’libali network of reading clubs – gets together at the Walter Teka Primary School in Nyanga, Western Cape. A project of SHAWCO – a student community service organisation – Nyangana has been growing since it began in 2011. We spoke to SHAWCO volunteer, David Jeffery, about the club and his experiences.



Nyangana (Little Moon) bilingual reading club

### How have you grown the club?

At first, we worked only with Grade Ones but in 2012 we also worked with Grade Twos. This year we’ll be working with children from Grades One to Three and holding sessions twice a week instead of just once.

### Why do you have younger primary school children at the club?

Starting this early helps develop a lifelong love of reading.

### What kinds of activities do you offer at the club?

We follow PRAESA’s approach to reading clubs and literacy learning, so we offer reading, writing, talking and listening activities as well as singing, dancing, games and interactive storytelling.

### Why do you volunteer at the club?

There are three reasons. Firstly, it is unfair that many children do not have access to the resources that would help them to develop a love for reading. Secondly, it’s fantastic watching children develop a love for reading and books. Lastly, I’m really interested in theories of how children learn to read and write; it’s a really exciting area to work in.

### What is one of the club’s biggest successes?

We set up a partnership with the local public library. Volunteers take the children to the library every second week to encourage them to use the library on their own. I think the relationship that the children form with the library will last long after they have left the club.

### What has been a highlight for you?

Watching children learn to enjoy books for themselves and taking a love of reading into their own hands.

To nominate an individual, organisation or even yourself as a Story Star, visit [www.nalibali.org](http://www.nalibali.org) and complete our online nomination form or email your nomination to [letters@nalibali.org](mailto:letters@nalibali.org)

# Iimbalasane zamabali

## Ukwakha ubudlelwane bobomi bonke neencwadi

Rhoqo ngoolwezithathu ngexesha lesikolo, iklabhu yokufunda ebizwa ngokuba yiNyangana esebenzisa iilwimi ezimbini ukufunda - eyinxalenye yonxibelelwano lweeklabhu zokufunda zeNa’libali - ihlangana kwisikolo samaBanga aPhantsi iWalter Teka eNyanga, eNtshona Koloni. Njengeprojekthi yeSHAWCO – umbutho wasekuhlaleni weenkonzobafundi – iklabhu yokufunda iNyangana ithe gqolo ukukhula okokoko yaqala ngowama-2011. Sithethe nevolontiya lakwaSHAWCO, uDavid Jeffrey, malunga nale klabhu kunye namava akhe.

### Niyikhulise njani le klabhu yokufunda?

Kuqala, besisebenza nabafundi beBanga loku-1 kuphela kodwa ngowama-2012 sasebenza kunye nabo nabeBanga le-2. Kulo nyaka siza kusebenza nabantwana abaqala kwibanga loku-1 ukuya kwele-3 size sibambe iindibano kabini endaweni yokuzibamba kanye evekini.

### Kutheni ninabantwana abancinane abafunda kwizikolo zamabanga aphantsi kwiklabhu yokufunda yenu?

Ukuqalisa kwangoko ukufunda kuselithuba kunceda ekuphuhliseni uthando lokufunda ubomi bonke.

### Yeyiphi imisebenzi eniyinika abantwana ukuba bayenze kwiklabu yokufunda?

Silandela indlela yakwaPRAESA yeeklabhu zokufunda kwanokufundisa ilitherasi, ngoko ke sibanika imisebenzi yokufunda, ukubhala, ukuthetha kunye nokuphulaphula kwakunye nokucula, ukuxhentsa, imidlalwana kunye nokubalisa ibali ngokuthatha inxaxheba.

### Kutheni unikezela ngexesha lakho ngokuvolontiya eklabhini?

Ndinezizathu ezithathu. Okokuqala, ayibobulungisa ukuba abantwana abaninzi bangakwazi ukufikelela kwimithombo eluncedo enokubanceda baphuhlise uthando lwabo lokufunda. Okwesibini, kuchulumancisa kakhulu ukubona abantwana bephuhlisa uthando lwabo lokufunda nolweencwadi. Okokugqibela, ndinomdla ngokwenene kwingcingane echaza ukuba bakufunda njani abantwana ukufunda nokubhala; ngummandla ovuselela kakhulu ukusebenza kuwo lowo.

### Yintoni enye yezona mpumelelo zale klabhu yokufunda?

Sakhe ubuhlobo nentsebenziswano nethala leencwadi lasekuhlaleni. Amavolontiya akhapha abantwana abase kweli thala leencwadi rhoqo kwiveki yesibini ukubakhuthaza ukuba balisebenzise sebebodwa. Ndicinga ukuba ubudlelwane abantwana ababakhe neli thala leencwadi buya kuhlala buhleli nokuba sele bemkile kule klabhu yokufunda.

### Yeyiphi eyona nto ihamba phambili kuwe?

Kukubukela abantwana befunda ukuzonwabela iincwadi bebodwa kwaye bekuthathela ezandleni zabo ukuthanda ukufunda.



Ukonyula umntu, umbutho okanye wena buqu njengeMbalasane yamaBali, ndwendwela kule dilesi yomnathazwe [www.nalibali.org](http://www.nalibali.org) uze uzalise uxwebhu lwethu lokukhetha ngekhompyutha okanye uthumele igama lalowo umnyulileyo nge-imeyili kule dilesi [letters@nalibali.org](mailto:letters@nalibali.org)

### Create your own mini-book Zenzele eyakho incwadana encinane

- |   |   |
|---|---|
| 1. Take out pages 3 to 6 of this supplement.    | 1. Thabatha amaphepha ama-3 ukuya kwisi-6 kolu hlelo. |
| 2. Fold it in half along the black dotted line. | 2. Wasonge esiphakathini kumgca wamachaphaza amnyama. |
| 3. Fold it in half again.                       | 3. Phinda uwasonge esiphakathini kwakhona.            |
| 4. Cut along the red dotted lines.              | 4. Sika kwimigca yamachaphaza abomvu.                 |



UPepi uyandincedisisa ukutsala ilokhwe yam  
 xa ndiyifaka entlokweni yam. Enkosi Pepi!  
 Ndiyayiqhobosha ilokhwe yam ndicinge ngathi ndi...  
 Pepi helps me pull my dress over my head. Thank  
 you, Pepi! I button up my dress and I imagine I am...



...ngumdanisi  
 ndidanisele  
 isingqi samagubu.  
 Ndinganxiba  
 isikethi esihonjiswe  
 ngamaso yaye  
 uPepi angadanisa  
 kunye nam.  
 ...a dancer  
 dancing to the  
 beat of the  
 drums. I would  
 wear a beaded  
 skirt and Pepi  
 would dance  
 with me.



# I could be anywhere



## Ndingabakho naphina

CATHERINE GROENEWALD




We publish what we like

Read the original story, *I could be anywhere*, published by Jacana Media and available in bookstores and on-line from [www.jacana.co.za](http://www.jacana.co.za). This story is also available in isiZulu, isiXhosa, Afrikaans, Siswati, Sepedi, Sesotho, Setswana, Xitsonga, Tshivenda and isiNdebele. Jacana publishes books for young readers in all eleven official South African languages. To find out more about Jacana titles go to [www.jacana.co.za](http://www.jacana.co.za).

Funda ibali eliyintsusa elithi, *Ndingabakho naphina*, elishicilelwe yi-Jacana Media kwaye elifumaneka ezivenkileni zeencwadi nakwi on-line ku [www.jacana.co.za](http://www.jacana.co.za). Eli bali likwafumaneka ngesiZulu, ngesiNgesi, nge-Afrikaans, ngeSiswati, ngeSepedi, ngeSesotho, ngeSetswana, ngeXitsonga, ngeTshivenda nangesiNdebele. I-Jacana ishicilela iincwadi zabafundi abaselula ngazo zonke iilwimi ezivunyiweyo ezilishumi elinanye zaseMzantsi Afrika. Ukuze ufumane iinkcukacha ezigcweleyo ngeetayitile ze-Jacana yiya ku: [www.jacana.co.za](http://www.jacana.co.za).

© Jacana Media (South African rights only) Tel: (011 628 3200)

Nal'ibali is a national reading-for-enjoyment initiative to get people in South Africa – children and adults – passionate about telling and reading stories. For more information, visit [www.nalibali.org](http://www.nalibali.org)



INal'ibali liphulo lesizwe lokufundela ulonwabo lokwenza abantu eMzantsi Afrika – abantwana nabantu abadala – bakuthakazelele ukubalisa nokufunda amabali. Ukuze ufumane inkcazelo ebanzi, ndwendwela ku-[www.nalibali.org](http://www.nalibali.org)



Drive your imagination

Fold

Ndonwaba kakhulu xa uMakhulu endithambisa umzimba wam ngamafutha akhe akhethekiweyo amnyeliselisayo nanevumba elimandi. Uyasimbambazela isisu sam njengegubu yaye ndingaba....



I love it when Gogo rubs her special sweet-smelling, shiny cream on my body. She pats my tummy like a drum and I could be...

...nxibe isikethi esihonjiswe ngamaso kwakunye nesiqwengana selaphu esihle kunene sibhijelwe ezingalweni zam, noPepi umi ujonge indlela endibukeka ndimhle ngayo!



...wearing a beaded skirt and the most beautiful piece of material wrapped over my arms. Even Pepi stands and stares at how pretty I look!

Fold

My name is Thandi. I live with my Gogo and Pepi, my rooster. Sometimes Pepi can be very naughty, but I love him and he is my friend. I often imagine or dream that I am in a wonderful place or doing exciting things.



Igama lam ndinguThandi. Ndihlala noMakhulu wam kunye noPepi, umqhagi wam. Ngamanye amaxesha uPepi uyageza, kodwa ndiyamthanda kwaye ungumhlobo wam. Ndikhe ndicinge okanye ndiphuphe ndikwindawo emangalisayo okanye ndisenza izinto ezichulumancisayo.

But if I could be anywhere, I would like to be on my Gogo's lap, with her blanket wrapped around me. That would be best of all.



Kodwa ukuba ndingabakho naphina, ndingathanda ukuba phezu kwethanga likaMakhulu nengubo yakhe indambathise ndonke. Leyo ingaba yeyona nto innandi kunazo zonke.

Fold

Ukuba ndiyacimela ndivale mba amehlo  
 am ngesha ndisida ukudla kwam,  
 ingangathi ndihleli kukhuko oluthambileyo  
 noimfumamfuma nditye kamnandi ukutya  
 okuphambi kwam. Yaye ndingavumela uPepi  
 adle nokuba yintoni ayifunayo.



If I squeeze my eyes tight shut while I eat my  
 food, I can be sitting on a soft, fluffy mat and  
 have the most delicious feast before me. And I'd  
 let Pepi eat whatever he wanted.



....sell Gogo's peas and have a stall with the  
 yummiest, juiciest vegetables!

....thengisa ii-erityisi zikaMakhulu ndibenesitali  
 semifuno emnandi nemyoli!

...yinkosazana enesithsaba esinamaqunkunya  
 edayimane zomnyama omenyezelayo  
 entlokweni yam.

...a princess with a crown of giant,  
 shining rainbow diamonds on my head.



Pepi wakes me every morning and then the  
 adventure begins...



UPepi undivusa kwakusasa yonke imihla lube  
 luyaqala njalo uhambo lodelo-ngozi ...

Xa uMakhulu endihlamba, undihlkihla ngesepha, amaqamza omnyama abhabha emoyeni adanise ejikeleza thina: amenzezela njengeenkwenkwezi ezincinane. Ndingaba....



When Gogo washes me, and rubs the soap, rainbow bubbles float up into the air and dance all around us: they twinkle like little stars. I could be...

Xa kunetha ndibona imvula ichapha-chaphaza emhlabeni, ndicinga ngathi ndidlala nabahlolo bam emlanjeni, apho uMakhulu wayesakudlala khona ngesha wayeyintombazana encinane. Andiqondi okokuba uPepi uyakuthanda ukuba manzi ngenxa yomdlalo!



When it rains and I see it splish-splashing on the ground, I imagine I am ... playing with my friends in the river, where Gogo played when she was a little girl. I just don't think Pepi likes the idea of getting wet for fun!

Fold

I snuggle up under my brightly coloured blanket and imagine that I am in a big, red bed decorated with beads. There is beautiful paper on the walls and my pillow is soft.



Ndiziqhusheka phantsi kweengubo zam ezimibala iqaqambileyo ndicinge ngathi ndikwibhedi enkulu ebomvu ehonjiswe ngamaso. Kukho iphepha elihle ezindongeni yaye umqamelo wam uthambile.

Fold 6





Gogo works very hard in her vegetable garden. "Oh nooooo, Pepi! What are you doing with Gogo's peas?" I know I can...

UMakhulu usebenza nzima kakhulu kwisitiya sakhe semifuno. "Owu haaayi Pepi wenza ntoni ngee-erityisi zikaMakhulu!" Ndiyazi ndinga.....

## Get story active! Colour, cut and tell a story

1. Colour in the picture of the doll, Nosipho, from the story *I could be anywhere*.
2. Colour in her clothes.
3. Use glue to paste all the pictures onto a sheet of paper. Now cut out Nosipho and her clothes.
4. Dress Nosipho in the clothes.
5. Make up your own story about Nosipho.



## Yenza ibali linike umdla! Faka umbala, usike uze ubalise ibali.

1. Faka umbala kunopopi ogama linguNosipho ovela kwibali elisihloko sithi Ndingabakho naphin a.
2. Faka umbala kwimpahla yakhe.
3. Sebenzisa iglu ukuncamathelisa imifanekiso kuxwebhu lwephepha. Ke ngoku sika uNosipho kunye neempahla zakhe.
4. Nxibisa uNosipho ezi mpahla.
5. Yenza elakho ibali elingoNosipho.

## How well do you know the Nal'ibali characters?

Unscramble the letters and write the names of these Nal'ibali characters.



ELALB  
B \_\_\_\_\_

ONE  
N \_\_\_\_\_



KAARFI  
A \_\_\_\_\_

## Ubazi kakuhle kangakanani abalinganiswa beNal'ibali?

Lungisa oonobumba uze ubhale amagama abalinganiswa beNal'ibali.



EDOONL  
N \_\_\_\_\_



SOHJ  
J \_\_\_\_\_



BIMLA  
M \_\_\_\_\_

Find more information on the Nal'ibali characters at [www.nalibali.org](http://www.nalibali.org)

Fumana iinkcukacha ezingaphezulu zabalinganiswa beNal'ibali kwesi sikhundla somnathazwe [www.nalibali.org](http://www.nalibali.org)



Answers/Impendulo: Bella, Neo, Afrika, Mballi, Noodle, Josh

## Story corner

Here is the final part of the story about how the kind squirrel helped the sun for you to read aloud or tell.

### Squirrel and the sun (Part 2) Retold by Joanne Bloch

Squirrel knew that what the sun said was true. So although her beautiful brown fur had turned black, and her tail had burnt right off, she carried on chewing her way through the branches that were trapping the sun.

Eventually Squirrel had nearly freed the sun, but her eyes were hurting so terribly that she had to close them. "Please, Sun," she said, "I really need to stop now. My eyes are damaged and I need to rest them." But again the sun begged her to carry on, and so she did.

At last she chewed away the last of the bark and wood holding back the sun. Slowly, the sun glided up into the sky, and as it did, a pink glow spread across the world. As the sun rose, it spoke to the squirrel. "Thank you so much, little friend!" Sun said. "You have worked hard to save me, and by doing so you have also saved all the animals and birds and plants. What can I do for you in return?"

Squirrel thought for a few moments. She had always wanted to fly. "Give me wings," she said, "so I can fly high in the sky."

"Alright," said the sun, "you now have a pair of wings, and you will be able to fly even faster and further than the birds. Because you have hurt your eyes by helping me, you will sleep in the day and wake at night. Although your eyes can't cope with the light any more, you'll be able to see and hear really well at night!"

And that is how the squirrel became a bat. She was too busy swooping around at night to miss her tail and her brown fur and her life as a squirrel in the treetops. And even though she could no longer enjoy the sun's light, she still felt its warmth in her heart.



## Indawo yamabali

Nantsi inxalenye yokugqibela yebali onokulifundela ngaphandle ngokuvakalayo okanye ulibalise elimalunga nendlela unomatse olungileyo owalanceda ngayo ilanga.

### UNomatse nelanga (Inxalenye 2) Libaliswa kwakhona nguJoanne Bloch

UNomatse wayesazi ukuba oko kuthethwa lilanga yinyaniso. Ngoko ke nangona uboya bakhe obubrawuni babujike bamnyama nomsila wakhe utshe waphela, waqhubeka ekrukrutha amasebe elalibhabhiseke kuwo ilanga.

Ekugqibeleni uNomatse walikhulula ilanga, kodwa amehlo akhe ayebuhlungu kakhulu kangangokuba kwafuneka awavale. "Nceda, Langa," wacenga watsho "Andikwazi kuqhubeka, ndiyayeka ngoku. Amehlo am onzakele kwaye kufuneka ndiwaphumze." Kodwa ilanga lamcenga limcela ukuba angayeki koko aqhubeka, waza naye wenza njalo.

Ekugqibeleni waligrenya lonke ixolo kunye nomthi walo owawuphithanise ilanga.

Kancinane, lanyukela esibhakabhakeni, laza njengokuba linyuka kwakho ukubengezela okupinki okunabele kulo lonke ihlabathi. Njengokuba ilanga linyuka, lalithetha noNomatse. "Enkosi kakhulu, mhlobo wam omncinane!" latsho ilanga. "Usebenze nzima kakhulu ukundisindisa, kwaye ngokwenza oko usindise zonke izilwanyana neentaka nezityalo. Ndingakwenzela ntoni mna ukukubulela?"

UNomatse wacinga imizuzwana. Wayesoloko enqwenela ukubhabha. "Ndinike iimpiko," watsho, "ukuze ndibhabhe ndintingele phezulu esibhakabhakeni."

"Kulungile, latsho ilanga, ngoku uneempiko ezimbini, kwaye uza kukwazi ukubhabha ngokukhawuleza kuneentaka. Ngenxa yokuba amehlo akho onzakele ngela xesha ubundanceda, uza kulala emini uze uvuke ebusuku. Nangona amehlo akho engasakwazi ukumelana nokukhanya konke konke, uza kukwazi ukubona kwaye uve kakuhle kakhulu kunjalo nje ebusuku!"

Yiloo nto ke uNomatse wajika waba lilulwane nje. Wayexakekile ejikeleza ngobusuku engenalo kwaphela ixesha lokucinga ngomsila wakhe ongekho noboya bakhe obubrawuni nobomi bakhe njengonomatse ophezulu emithini. Nangona wayengasakwazi ukonwabela ukukhanya kwelanga, wayesabuva ubushushu balo ngaphakathi entliziyweni yakhe.

### In your next Nal'ibali supplement:

- How it benefits your children to read them their favourite stories again and again
- The story, *Wait and see*
- A fun-to-play board game
- A zig-zag book, *Riddles*

Can't wait until next week for more reading and story tips, tools and inspirational ideas? Visit [www.nalibali.org](http://www.nalibali.org) or find us on Facebook: [www.facebook.com/nalibaliSA](http://www.facebook.com/nalibaliSA)

Find us on Twitter: @nalibaliSA  
Sifumane kuTwitter: @nalibaliSA



### Kuhlelo olulandelayo lweNal'ibali:

- Indlela enenzuzo ngayo into yokufundela rhoqo abantwana bakho amabali abo abawathandayo
- Iballi elisihloko sithi *Linda uze ubone*
- Umdlalwana owonwabisayo odlalelwa ebhodini
- Incwadi eyenziwe yamajikojiko, *Amaqashiso*

Ingathi ayisafiki iveki elandelayo ndifumane ezinye iingcebiso, izixhobo neembono ezikhuthazayo ngokufunda nezamabali. Ndwendwela kule webhusayithi [www.nalibali.org](http://www.nalibali.org) okanye sifumane nakuFacebook: [www.facebook.com/nalibaliSA](http://www.facebook.com/nalibaliSA)